URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Paul Swart**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Paul.Swart@westerncape.gov.za | 021 467 2025

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20230630-6179

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0010/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko (zee-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo bezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwabezikolo zezakhono

**Isihloko: Ukuqaliswa kwesistim yekhompyutha yokwenza isicelo seSkim soThutho lwaBafundi (*LTS*) nokungeniswa kwezicelo ezitsha zeSkim se-*LTS* sothutho lwabafundi ukulungiselela unyaka wesikolo wama-2024**

**1. Inkqubo yokwenza isicelo seSkim se-*LTS* ngekhompyutha**

1.1 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liqalisa inkqubo yokwenziwa kwesicelo senkonzo yezothuthu lwabafundi ngekhompyutha, eya kufumaneka kwi-*CEMIS*.

1.2 I-sistim yekhompyutha yokwenza isicelo seSkim se-*LTS* inako ukufumaneka kwiprofayili yesikolo, kusetyenziswa ezi *tabs* zilandelayo: *Administration >> Learner Transport >> New applications tabs*.

1.3 Incwadana yemigaqo eneenkcukacha yomsebenzisi wekhompyutha enika iingcebiso kwizikolo zokuba sizaliswa njani isicelo seSkim se-*LTS* kwisistim entsha yekhompyutha iqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane njengesiHlomelo A. Incwadana yemigaqo yomsebenzisi wekhompyutha inako ukufumaneka kwi-*home page* yesistim yekhompyutha yokwenza isicelo seSkim se-*LTS* kwi-*CEMIS*.

1.4 Zonke izicelo zeSkim se-*LTS* ezingeniswe ngale nkqubo isetyenziswa ngoku, o.k.t. ukungeniswa kweefom zesicelo seSkim se-*LTS* kwi-ofisi yesithili, ziya kukwamkelwa zize ziqwalaselwe kuphela kude kube sekupheleni konyaka wesikolo wama-2023.

1.5 Nakuba kunjalo, izikolo zikhuthazwa ngamandla ukuba ukususela ngoku zingenise zonke izicelo zisebenzisa isistim yekhompyutha yokwenza isicelo seSkim se-*LTS*.

1.6 Izikolo ezingenisa izicelo zazo zisebenzisa isistim yekhompyutha yokwenza isicelo ziya kuxhamla kwindlela ekhawulezayo yokugqithela kwesinye isigaba ebaluleke ngokukhawulezisa ukuqwalaselwa kwezicelo yaye ziya kuba nako ukubeka esweni inkqubela-phambili yokugqithela kwesinye isigaba sokuqwalaselwa kwezicelo zazo kwi-*CEMIS*.

1.7 Iifom zesicelo seSkim se-*LTS* ezingeniswe ngesandla kwi-ofisi yesithili azisayi kukwamkelwa ukususela ekuqaleni konyaka wesikolo wama-2024.

1.8 Abaphathi beesekethe namagosa esithili eSkim se-*LTS* aya kubanako ukufikelela kwisistim yekhompyutha yokwenza isicelo seSkim se-*LTS* ngokungena kwi-*EduinfoSearch portal,* apho baya kucelwa ukuba baziqwalasele, bazijongisise izicelo yaye banike neengcebiso ngezicelo ezingeniswe zizikolo ezichaphazelekayo. Iya kuhanjiswa ngokwahlukeneyo kubaphathi beesekethe nakumagosa ezithili eSkim se-*LTS* incwadana yemigaqo eneenkcukacha yomsebenzisi enika iingcebiso ngokuzaliswa kwikhompyutha kwesicelo seSkim se-*LTS*.

1.9 Izicelo ezisayinelwe ngabaphathi bezithili beSkim se-*LTS* abachaphazelekayo ziya kufumaneka kwikhompyutha ngoko nangoko ukwenzela ukuba ziqwalaselwe licandelwana leSkim soThutho lwaBafundi kwaNdlunkulu weSebe i*WCED*.

## 2. Izicelo zeSkim se-*LTS* zonyaka wesikolo wama-2024

2.1 Kucelwa izikolo ukuba ziqalise ukuthathela ingqalelo izicelo zeSkim se-*LTS* zonyaka wesikolo wama-2024 ukususela ekuqaleni kwekota yesithathu. Kuyaqukunjelwa ukuqwalaselwa kwezicelo zeSkim se-*LTS* zokulungiselela unyaka wesikolo wama-2023 yaye kucelwa izikolo ukuba zingangenisi naziphi na izicelo zeSkim se-*LTS* ezitsha ukwenzela owama-2023.

2.2 Izicelo zokumiselwa **kweendlela ezintsha (*new routes*)** nezokubandakanywa **kwabafundi abongezelelweyo** kwiindlela zeSkim se-*LTS* ezikhoyo ngoJanuwari 2024, mazizaliswe zize zingeniswe kwisistim yekhompyutha yokwenza isicelo seSkim se-*LTS* ungadlulanga owe-**18 Agasti 2023**.

2.3 Kucelwa abaphathi beesekethe ukuba bangqinisise ukuba abafundi banako na ukufakwa ezindaweni kwizikolo okanye kwiihostele ezikufutshane kakhulu kubo phambi kokuba kuthathelwe ingqalelo ukubandakanywa kwaba bafundi kwindlela yeSkim se-*LTS*.

2.4 Kucelwa amagosa esithili eSkim se-*LTS* ukuba aziqwalasele izicelo ezichaphazelekayo zonyaka wesikolo wama-2024 yaye mawaqinisekise ukuba izicelo zingeniswa kwicandelwana leSkim soThutho lwaBafundi ungadlulanga owe-**15 Septemba 2023**.

2.5 Kubaluleke kakhulu ukuba izicelo zeendlela ezintsha nezabafundi abongezelelweyo zifunyanwe ngexesha elichanekileyo ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zinako ukuthengwa yaye zenziwe zifumaneke kusuku lokuqala lwesikolo lonyaka wesikolo wama-2024. Izicelo ezisayinelwe emva kwalo mhla ukhankanywe ngasentla zinokungavunywa ngexesha ukulungiselela usuku lokuqala lwesikolo lonyaka wesikolo wama-2024.

3. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-07-20